# Lomzi Wakona na Sawubizana ?

## Le Mali Inkulu na Sayibizana ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Pelapula! Lomazwi ngawo Mprofeti u Ntsikana, aye bhalelwe okwetu ukufundiswa: U Ntsikana waye buza ku Tixo ukuba lomzi wezizizwe zapesheya ezilapa e Afrika, sawubizana? N le mali yabo inkulu na sayibizana? Mna ke Nontsizi, ndiza kumvumisela u Ntsikana kokwam ukwazi, andazi ke kokwabanye; nenenene! Lomzi wako na Pesheya uyibulele i Afrika wayigqiba. Nenenene le mali yabo ibuteng le ubuzibulo betu, njenge nkobe zelentile; ingcatsha nabantu bezwe i Afrika, itenga nentombi zezwe layo, itenga nababulalisi besizwe zakowetu; ingumtombo kanye wako konke ukungcola. Nantso ke into eyayibuzwa ngu Ntsikana ku Tixo; nje ngomntu owayeteta no Tixo ngo moya. Camagu! Pulapula kwakona! U Tixo wayesilingile ngabelungu, kuba kakade ngu "Longqina Izingel' Imipefumlo." Ngokwenjenjalo ke efuna ukuqonda elona "Temba" ayame ngalo umntu, ngapaya koko u Tixo wenze ngabom ukuba zonke ezizizwe zalapa e Afrika zibe lapa; kuba kakade ungumdibanisi wemihlambi eyalanayo ayifunela ke ukuba yonke lomihlambi igobele pantsi kweyake Inyaniso.—Inyaniso ke ka Tixo ise Afrika kupela apo ikona yiyo ke le idibanisele kona zonke ezizizwe, kuba no Yesu wati ukuze asinde ku Herode wabalekiselwa e Afrika: Yiva ke! Ufune ke lo nyaniso:—

Taru Mhleli ngesituba sezi Mbongi
Ndiko noko ndisahleli andi mbongi
Ndi and' ukuhlala nje pezulu Mhleli
Oyi! Ndilwa ngombane induku zihleli.

Lento Isisizwe ngomteto we Bhaibhile
Abangcatshi baso mabhubhe bapele
Bagqiba Isizwe bakupa ubuzwe
Bupel' uoukosi singenwe zizizwe.

Lomzi wakona na sawubizana
Lemali inkulu na sayibizana
Naku site sakungena emlungwini
Sasela nendywala zotixo basemzini.

Lomzi wakona na sawubizana
Menzi akubuzwanga ngu Ntsikana
Namawakawak' abulewe Afrika
Siwabiza kuwe lomawakawaka.

Lomzi wakona na sawubizana
Lemitshato yona iyeyamanina
Imanywa, iqaulwa kwakumlambopina
Akaxuxelelanga na u Ntsikana?

Lemali inkulu na sayibizana
Pindela kwase mva ap' uvela kona
Ungacengi konke ngenxa yenyaniso
Kuba leye mali yeza nenkohliso.

Lomzi wakona na sawubizana
Salahl' umzi wetu ngomz' upoyiyana
Yemnka neminyanya yati ayisazi
Santywila kunjalo ku " Mfula Wosizi."

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Watsho no Ntsikana Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti ungafa.

Namhla nitinina Ilizwe lifile
Nandzo nentshutshiso Afrika uwile
Bhekisa ubuso bako Ezintabeni
Uprofetele kuzo nawe kwedini.

U Dafedi wati kwakonakala
Waka amanzi equla apalala
Waza wenje njalo amaxa ngamaxa
Wona unyabile nje utini ngelixa?

Zipina Inkokeli ze Afrika
Sancama namhla tina mzi ka Ngqika
Wakonxwana Afrika ngamakamandela
Batini bona abad ula ngendlela.

Le mali inkulu na sayibizana
Lomzi wakona na sawubizana
Angakohliseki noze nge Nqanawe
Kaloku ihleli Elezulu i Tshawe.

Baduda benetemba lezi Bhalo
Lahlani pantsi evenu imibhalo
Namhla kuti banje ngentaba zembola
Balwa nezizwe zonke zibakwelela.

Ke Itiyoniya make ifakelela
Ifuna Inyaniso isimelele
Vukani ke nifakane imilomo
Andisajumayeli luvuko lwankomo.

Yiyake!!